



NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2023

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathi emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane	(20)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Lingcebiso malunga nolwabiwo Iwexesha:
- 80 emizuzu kwiCANDELO A
 - 40 emizuzu kwiCANDELO B
 - 30 emizuzu kwiCANDELO C
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

- | | | |
|-----|--|------|
| 1.1 | Ndandikhona ndisazi kakuhle eso siganeko | [50] |
| 1.2 | Andinakuphila ngaphandle kwe ... /ko ... | [50] |
| 1.3 | Sandivuyisa ke eso sipho | [50] |
| 1.4 | Ukubukela umabonakude kungalunga | [50] |
| 1.5 | Iqela lezopolitiko elilawula ilizwe malikhathalele umbutho walo kuphela | [50] |
| 1.6 | Loo mini yandihambela kakuhle | [50] |
| 1.7 | Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 OKANYE 1.7.2). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo. | |

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1



[Uthathwe kuwww.scenario.co.za]

[50]

1.7.2

[Uthathwe kuwww.shutterstock.com]

[50]

AMANQAKU ECANDELO: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umtshana wakho ileta umncome ngomsebenzi awenzayo wokunceda abantu abadala kwindawo ahlala kuyo.

[30]**2.2 INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini yesikolo sakho ulumkise abantwana ngeendlela abanokuzikhulwena ngazo ekuxhwilweni (ekubiweni kwabantwana).

[30]**2.3 INTETHO**

Bhala intetho oza kuyenza kwinkomfa yabafundi malunga nokukhetha ikhondo umntu afuna ukulilandela (ikhariye).

[30]**2.4 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi kukaXolisa noMpho. UXolisa omele ukuba ulutsha maluvunyelwe ukuya kwiindawo zokonwaba xa luneminyaka engama-22, uMpho yena umele ukuba maluvunyelwe xa lune-18 leminyaka.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B:** **30**

ICANDELO C

UMHLATHI OMFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

3.1 ISIBHENGEZO NTENGISO


Bhala isibhengezo ntengiso uthengise iApp oyenzileyo encedisa abafundi kwizifundo zabo. [20]

3.2 UNGENISO KWIDAYARI

Bhala ungeniso kwidayari lweentsuku ezi-4 malunga nohambo ubuluthabathile ngexesha leholide. [20]

3.3 IZALATHISI

Umhlobo wakho useTrain Station ufunu ukuya eHospital, bhala izalathisi umalathise indlela aza kuhamba ngayo ukuze afike.



[Ithathwe ku<http://blog.sproutenglish.com>] [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100